# *INGUBO ESELE ISETYENZISIWE*

Ndiye ndangena nje nomalusi. Ndathi...ndiyendamcela izolo ukuba anditsalele umnxeba. Kwaye ndafumanisa, ndiye nje...Imini yonke, bekungekho minxeba, kwaye ndacinga, "Ke, ndazibuza ukuba yitoni undonakele? Kukho into ethile...Yonke into iseluxolweni olukhulu." Kwaye emva kwethuba, uDade uWood weza eneminxeba eliqela. Umnxeba wam ubucimile, ke, ukuba nabani na kuni kukho obethe wanditsalela umnxeba. Umnxeba ubukhala wona, kodwa awuzange wenza sandi phakathi phaya, ke ingxaki ibezantsi kwibhodi yokutshintsha. Bawulungise malunga nentsimbi yesibhozo kubusuku obugqithileyo, okanye mhlawumbi kancinane ngaphambi koko, kwaye, umnxeba, iminxeba iyangena ngoku.

2 Siyavuya ukuba senkonzweni ngale ntsasa. Ndinengqele eyoyikekayo, leyo esiqhelweni endidla ngokuba nayo xana ndifika ekhaya. Ugrampuze kwikhephu ukuya kuma esinqeni sakho, kwaye ulale phandle ebusuku. Ungaze ukucinge oko kude ukusuka apha, kodwa nje nqumla laa nduli iphaya eNew Albany, kukuphela kwento omelwe kukuyenza leyo, ukungena kule ntlambo, ngoko ndifumana ingqele embi. Kwaye yi... Andazi, kukho into ethile kanye elapha entlanjeni leyo eyigcina iphantsi. Kwaye isezantsi, kwaye yona nje ayivumelani nam kwaphela.

3 Ngoku, siyavuya ukuba senkonzweni, njengoko besele nditshilo, nokuva umalusi wethu othandekayo enikela ilizwi lakhe lokusibongozela, nakuyo iNkosi uYesu. Kwaye—kwaye nokuva, kulusizi ukuva abaninzi kangaka abagulayo nabasweleyo, nendlela umtyholi akwiphulo lokugulisa wonke umntu.

4 Kwaye inenekazi elincinane liyelaphakama malunga nodade walo emva phaya, kwaye ndiyazi ukuba uDade uSauer ezantsi phaya ubenalo. Ugqirha wamthumela ekhaya ukuba afe ngoku. Kwaye usakholwa ukuba uyakuphiliswa. Kwaye ukwimeko emandundu, embi kakhulu. Umkhwekazi wam, ngendlela efanayo, unamashumi asixhenxe eminyaka ubudala ngoku. Ukwimeko embi kakhulu. Kwaye ngokuqinisekileyo izigulo eziliqela kwilizwe jikelele. Kwaye ngoko kukho uMoya oyiNgcwele elizweni jikelele, yabona, lowo ophilisa izigulo zethu, ukuba nje sinokufumana inceba kuYe.

5 Kwaye ngoku, ekubeni umphimbo wam ubuhlungu, hayi

obuhlungu, kodwa awulunganga. Kwaye andizukuzama ukuba ndishumayele, kodwa ndithethe nani nje okwethutyana ngokuphuma eLizwini, kuze emva koko ndingene ekuthandazeleni abagulayo, ntoleyo endithembise ukuyenza. Kodwa nje ngaphambi kokwenza oku, ndingathanda ukwazisa eminye iimihlangano ethile engakumbi. Ndi . . .

6 Kwiinkonzo zam ndiye ndaba nohlobo oluncinane lwenkcaso ye . . . hayi inkcaso, kodwa nje ukungaqondwa okuncinane. Kwaye amaxesha amaninzi, a—andinazo indawo zokubhengeza, njengokuba—njengokuba abanye abazalwana abaninzi entsimini benazo, ezifana nonomathotholo nomabonwakude, noolindixesha na njalo njalo. Kwaye ngokwenza njalo, ngokuba, omnye umntu uyakuthi, "UMzalwana uBranham uyakuba lapha." Ngoku ndibhengezwe kwiindawo ezintathu kule veki, nje namhlanje, kwiindawo ezintathu ezahlukeneyo. Enye ezantsi eKentucky, eyesibini eCalifornia, ezo endaziyo ngazo. Kwaye akukho nto unokuyenza malunga naloo nto, kuba andizange ndibenayo enye indawo esemthethweni yokubhengeza, ke oko kuyenza ithande ukubanzima.

7 Kwaye, ehe, ukuba kunokwenzeka kukho umntu osuka ezantsi kufutshane neMadisonville, eKentucky, apha. Ndabhengezwa ukuba ndiya kuba sezantsi phaya kwiveki egqithileyo, kwaye andizange ndazi kwanto malunga naloo nto. Kwaye ndeza ekhaya, kwaye—kwaye babekwazisile oko; kwaye umzalwana lowo owakwenzayo oko, ogama lingu-Epley, okanye, ndiyakholwa ukuba elo yayiligama lakhe, ngokholo lonke olulungileyo, wakwenza oko. Wanditsalela umnxeba wandicela ukuba nje singehlela ezantsi ku—kuze kube yintsikelelo kwaye afumane intsikelelo kubantu bakowabo. Kwaye wanditsalela umnxeba. Ndamxelela ukuba acele uMzalwana uMoore. Ke, ngoko, kwafuneka ukuba ndihambe. Ndamxelela ukuba kufuneka ukuba ndihambe kwangaloo mini. Ke, uMzalwana uMoore wasilela ukwazisa nabani na. Kwaye xana, okanye andazise, okanye ukwazisa inkosikazi yam. Ke ndandiphezulu e-Idaho, kwaye nje ndabuya, kwaye umhlangano wawuqhubela phambili.

8 Ke, kwaye ke ndabona, ngelo xesha, ukuba awunakho ukwenza amalungiselelo eLouisiana ngezinto ezo ezenzekayo apha. Ke, ndawathabathela nje kum amalungiselelo, ukwenza angawam amalungiselelo ngenxa yemihlangano, yade imihlangano yam yaba . . . Ndilu hlobo nje lo . . . Owu, andazi, ndicinga ukuba ukuvuma izono kulungile ngenxa yomphefumlo. Ingaba awucingi njalo? Ndiyendaba nje ndazilazila malunga nezi zinto. Kwaye nje ndiyendavumela nabani na, naphi na, nje ngamabona ndenzile ukuba ndikuyeke oko kuhambe. Kwaye ndafumanisa ukuba, oko akuhlawuli. Emva kwexesha elide, ubeka . . . Kufuneka ukuba ube nenkqubo ethile kuyo. Kwaye ngoku ndizama ukwenza amalungiselelo.

9 Kwaye ndi—kwaye ndiya kubona uNksk. U-Arnold. Ndi. . .Kukho indoda apha eLouisville leyo ibilunge kakhulu, xana ndandinemihlangano apha, kwaye igama layo nguMzalwana uBurgum. Kwaye ubefuna u—ubusuku okanye obubini, benkonzo. Ndiyakubona uTeddy wakhe omncinane, ndiyakholwa, uTeddy Arnold, okwe, xesha elithile kule veki.

10 Kwaye ngoko ngoMgqibelo ozayo neCawe, ukuba ndinako, iNkosi ithandile, ndifuna ukuba sezantsi eMadisonville. Babenamashumi amabini anesihlanu, amashumi amathathu abalungiseleli phandle phaya. Bonke behleli phaya, bezele okuthile. . .Enye yayi ngamathandathu, amakhulu asixhenxe eemayile. Ke, akukho mntu phaya, ke kwakungekuko phaya, kwaye elo akulilo ityala lam, kodwa mna nje. . .kodwa ngenxa yokungaqondi kakuhle, okanye ngokungakhathaleli ukumtsalela umnxeba. Kwaye ndiya kuzama ukuba phaya ezantsi ngempelaveki elandelayo, iNkosi ithandile.

11 Ngoko, kowesihlanu ukuya kowesithandathu, ndiya kuba seBrooklyn, eNew York. Kuze emva koko ukusuka apho, ngomhla weshumi elinesine, oweshumi elinesihlanu, neleshumi elinesithandathu, eParkersburg, eWest Virginia. Ndenze nje loo malungiselelo mabini kubusuku obugqithileyo nangale ntsasa. Ngoku, eCharlotte, eMzantsi weCarolina, ikuluhlu nje, kodwa andazi. Ngoko, iiholide ziyafika.

12 Ngoko siya ngaphaya kuNxweme lwaseNtshona, apho balungiselela i—iholo enkulu yomhlangano. Ngoku, le yi—yimihlangano emincinane njengakwizikolo zamabanga aphakamileyo kunye nezinto ezilolo hlobo. Omnye ongaphaya kuNxweme lwaseNtshona, kuyakuba kwi—kwizixeko ezimbini, umhlangano wesixeko esizimanyileyo, sase-Oakland kunye neSan Francisco.

13 Kwaye ngoko igqiza lasePhoenix, ekubeni ngoko uMzalwana uRoberts engenako ukuba phaya kulo nyaka, Ndiyakuthanda ukuthabatha indawo yakhe ezantsi ePhoenix, kuwo—kuwo wonke umhlangano wommandla waseMarikopa. Lowo ngumzamo womanyano.

14 Kwaye ndithandazeleni ngokuba ndi—ndiya kudinga oko. Kwaye ndiyaqaphela ukuba ngalo lonke ixesha ukholo luzimisa phezulu, umthyoli uwujika wonke umpu osesihogweni kanye kulo, ngolo hlobo, uyabona, ke oko kuyenza ukuba ibe nzima kakhulu.

15 Ke, ngale ntsasa, ukuthandazela abagulayo. Ndifuna ukufunda elinye leliLizwi likaThixo elinguNaphakade, kwaye ndithethe imizuzwana embalwa ukuphuma eZibhalweni, kwaye ngoko ndibe nomthandazo ngenxa yabagulayo. Owu, indlela endikuthandangayo ukuthetha malunga naYe! Ingaba aninjalo nina? Ndiyakuthanda nje ukuthetha malunga naYe.

16 Ngoku ndifuna ukufunda ukuphuma eBhayibhileni, ooKumkani beSibini isahluko se-2, umqolo we-12, inxalenye yawo.

> *Kwaye u-Elisha wakubona oko, kwaye... wadanduluka, Bawo wam, bawo wam, nqwelo yokulwa yakwaSirayeli, nabamahashe bayo.*

17 Kwaye ngoku ukwenzela indlela ye—yetekisi, okanye umxholo, ndifuna ukuthetha nge: *Ngubo Esele Isetyenzisiwe*. Ke yanga iNkosi ingongeza iintsikelelo zaYo njengokuba sithetha kuni ngale ntsasa. Kwaye nibe semthandazweni ngenxa yethu.

18 Ngeli xesha lokulawula kukaSirayeli elizweni, uSirayeli wayesisizwe, kwaye wayesisizwe esinamandla, kwaye yayiluhlobo oluthile lwexesha loxolo phakathi kwenxalenye yomkhosi walo. Kodwa kwi—kwinxalenye yokomoya yaso, yayiluhlobo lwe—lwexesha lo—lokulinganisa. Kwaye ukuba sikhangela emva kwiTestamente eNdala, sinokuhlala sifumana imizekelo yaloo nto iqhubekayo namhlanje. Ngalo lonke ixesha, eBhayibhileni, izinto ezo zikhoyo ngoku, ziyimifuziselo nje yoko kwakukho kwasekuqalekeni.

19 Ngoku, iNcwadi yeGenesis ivelisa yonke into leyo isehlabathini namhlanje. Akukho nto isehlabathini ngaphandle kwaloo nto ingazange iqale kwiGenesis, kuba yona isisiqalo. Phaya, kwaqala yonke i-ism. KwiGenesis, kwaqala yonke into eyaqalayo. Kwaye iBandla lenyani laqala kwiGenesis. Kwaye ikholwa lobuxoki laqala kwiGenesis. Kwaye ukungakhathali kwaqala kwiGenesis. IGenesis yayisisiqalo.

20 Kwaye ngoku ngexesha lolawulo luka-Eliya, okanye uhambo luka-Eliya apha emhlabeni, owayengumprofeti kaThixo waloo yure.

21 Kwaye uThixo akazange Wazishiya emhlabeni ngaphandle kwengqina. UThixo wasoloko, ndaweni ithile, kwindawo ethile, enomntu lowo Anokubeka izandla Zakhe phezu kwakhe aze amele ubungqina. Ke ukuba Ukwenzile oko, ukuhla ukusukela kwiGenesis, isiqalo, ngokuqinisekileyo, ndaweni ithile, uThixo unendoda leyo Anokuthi abeke isandla Sakhe kuyo ngoku. Kuba U—Ungaphezu kwendoda enye ngoku, Unamadoda amaninzi lawo Anokubeka isandla Sakhe kuwo, ngokuba sifika ezantsi kwi—kwixesha lokuqokelela, ixesha lesivuno.

22 IGenesis yayikukutyalwa kwembewu, kwaye kule minyaka ingamawaka amathandathu ibi kukuvuthwa kwesivuno. Kwaye ngoku imbewu iye yaba yimbewu ngokwayo. Iyeyabuyela kutyatyambo, kwaye ukusuka kutyatyambo ukuya kwi—kwisiqhamo. Kwaye lixesha lokuqokelela ngoku, ixesha lesivuno, zonke izinto ezinkulu ezo ezaqalayo. IBandla lenyaniso elo elaqalayo kwiGenesis lehla lafikelela kwixesha lesiqhamo, isiqhamo soMoya. Kwaye umchasikristu lowo waqalayo kwiGenesis uhlile wafika kwisiqhamo sakhe. Kwaye sikwixesha

nje lokuvalwa kwalo lonke ixesha lehlabathi, lo. . .lomntu ofayo. Kwaye sikwi. . .Lelona xesha likhulu lowo nabani na, okanye nabani nakwesiphi na isigaba, awakha waphila kuso, leli xesha. Lixesha lokugungqisa. Lixesha elinzima kuboni, kodwa lixesha elimangalisayo kumaKristu, ngokuba siyazi ukuba siya—siyalungiselela, okanye siyaqokelela inzame ezincinane zokugqibela kunye, ukuya eKhaya size sihlangane neNkosi.

23 Ngoku abantu, namhlanje, njengokuba ukhangela ngeenxa zonke uze ubone inkathazo enkulu nenkxwaleko ekhangelene nesizwe, apho. . .Kubusuku obumbalwa obudlulileyo, bendithetha kumntu othile, bekungomnye waba balapha abaqwalaselayo be-arhente abo bajongayo, kwaye bathi, “Mzalwana uBranham, besisandula nje ukuyalelwa ngurhulumente singaze sicebise abantu kwakhona ukuba balale phantsi ngase. . .kude ukusuka kwifestile emgangathweni, ukuba isiqhushumbisi siyabetha, okanye bangaze baye kwigumbi elingaphantsi, ngokuba esi siqhushumbisi sitsha eso banokusikhokelela ngonomathotholo ukusuka eMoscow ukuya kwiSitalato seSine eLouisville, kwaye sibethe kanye esitalatweni, basiqhushumbise, sinetha-. . .izinto kuso, iziqhushumbisi, kwaye sithabatha amawaka *amaninzi kakhulu*, amawaka *amaninzi kakhulu*, sikhokelwa ngeenkwenkwezi kunye nokukhanya, kwaye siwele kanye kwiSitalato seSine eLouisville, ukusuka eMoscow, eRussia, kwaye xana siya kubetha phaya, akunyanzelekanga ukuba basebenzise inqwelomoya okanye nantoni na, nje ukuba bayikhulule *apha,* kwaye siyakwehlela kanye *phaya*, kwaye siya kuvula umngxuma emhlabeni, wendawo, ubunzulu bekhulu elinamashumi asixhenxe anesihlanu eemitha kwishumi elinesihlanu leemayile ezikwere nokuba yeyiphi na indlela esiyithabathayo, ishumi elinesihlanu leemayile zezikwere.” Akukho nto inokwenziwa ngaphandle kokuba silungele ukukhwela inqwelomoya ukuya phezulu, kukuphela kwento enokwenziwa xana loo maxesha efika.

24 Cinga nje, banokudubula amashumi amahlanu azo, okanye ikhulu lazo, ngaxeshanye, ukuba bebefuna njalo. Konke kuya kube kuphelile, kwisithuba se. . .Ndiyakholwa ukuba ngamashumi amathandathu okanye asibhozo emizuzu, okanye into ethile, okanye imizuzwana—imizuzwana, gxebe, ukusuka phaya ukufika apha, ukuya kwintshabalalo yento yonke eyakwenzeka. Bekungayi kubakho nto iseleyo phakathi kweLouisville neHenryville, naphakathi kweLouisville ne—neBardstown, okanye ezantsi phaya, ngaphandle komngxuma omnye emhlabeni negquba lothuli luhleli kuwo. Leyo kukuphela kwento ibiya kusala, ngaphandle kweendawo ezo ebesiya kuphumela kuzo, kwaye sitshise iimayile ngeemayile ngeemayile ngaphaya koko. Kwaye ngeli lixa esinye siwela phaya, esinye siwela kwenye indawo, ukuhlangabezana naso.

25 Ndiyavuya kakhulu ukuba sibe sineKhusi. "IGama leNkosi liyiNqaba enamandla, amalungisa abalekela kuLo aze akhuseleke." Akukhathaliseki nokuba zingaphi na iziqhushumbisi okanye zingaphi na ezinye izinto ezo... Sikhuselekile Phaya. Ke, ihlabathi kunye nomoni, ekubeni bengenalo eliKhusi, okanye leNdawo yokhuseleko, lixesha loloyiko. Ndiyakholwa, ukuba bendingengomKristu, bendiyakuphambana, ukucinga ngento ibinokwenzeka nangaliphi na ixesha. Kunye nendlu ezele ngabantwana abancinane, nayo yonke into, bendingekhe ndazi ukuba ndenze ntoni na. Kodwa ndiyavuya kakhulu ukuba ndinako ukuma endlwini yam kwaye ndazise kubo iKhusi elo ekungekho siqhushumbisi sinokuze silichukumise, okanye nantoni na eyenye, phantsi kweeMpiko ezikhuselayo zeNkosi uYesu. "Hayi ngamandla, hayi ngamandla, kodwa ngoMoya waM," itsho iNkosi. Yabona? Olo lukhuseleko lwethu.

26 Kwaye elinjani ukuba likhulu, ixesha elo lizukileyo, lokwazi ukuba sonke isono kunye nembandezelo nezilingo zobomi ziya kupheliswa ngokukhawuleza. Konke kugqityiwe ngolunye lwezi ntsuku, kwaye siyakuya eKhaya ukuba neNkosi. Ngoku, okuseleyo lixesha lokushumayela iVangeli nokuzisa kule Nqaba enkulu kangangoko, abaninzi kangangoko singaba nako.

27 Kwaye ngoko, njengoko sibona umzekelo wesifundo sethu namhlanje, sika-Eliya, ngexesha lolawulo lwakhe, yena...okanye, uhambo lwakhe emhlabeni, ngokuba, wabe eyenkulu, indoda eligorha. UThixo wayemsebenzisa ngeendlela ezinamandla, ngamandla amakhulu. Kwaye sifumanisa ukuba ngeli xesha, kwakukho iqela labalinganisi elalizama ukulinganisa u-Eliya, elazama ukwenza kwa ezo zinto zinye u-Eliya awazenzayo.

28 Kwaye ke sifumana into efanayo namhlanje; ukulinganiswa kobuKristu, abantu abazama ukwenza njengamaKristu, abazama ukuzenza amaKristu. Awunako ukuyenza loo nto. UThixo umelwe kukwenza oko. NguYe kuphela Onako ukukwenza oko.

29 Ke basungula isikolo, kwaye basibiza ngokuba, "isikolo sabaprofeti." Kwaye bonke benyuka baya kwisikolo sabaprofeti, kwaye babafundisa. Kwaye ndinokukucinga bonke abo bashumayeli phezulu phaya, benxibe kwa olo hlobo lwedyasi u-Eliya awayeyinxibile. Ndingafane ndicinge bezama ukumxelisa ngezwi lakhe, ngendlela awayethetha ngayo. Kunye—kunye nendlela awayezibonakalisa ngayo, wonke ubani ezama ukwenza kwaloo nto inye, ngokuba u-Eliya wayeyindoda enkulu esetyenziswe nguThixo.

30 Kwaye sifumana into enye namhlanje. Bendiphulaphule usasazo lukanomathotholo, kungekudala. BanooBilly Graham kulo lonke eli lizwe, kususela uBilly wayeseLouisville. Wonke

umntu uzama ukuxelisa into efanayo, phantse bakame iinwele zabo ngendlela efanayo, kwaye—kwaye banxibe into efanayo, nohlobo olunye lwezwi, na njalo njalo. Kodwa awunako ukukwenza oko. Kufuneka ube yiloo nto uyiyo kunye nento uThixo akwenze ukuba ube yiyo. Kunjalo oko. Kwaye ke sifumanisa njani oko, mhlawumbi, ngaloo mihla into efanayo yenzeka.

31 Ngoku, uThixo, ebona, ebona ngenxa engaphambili ukuba imihla ka-Eliya yayibaliwe, ukuba wayene*xesha elide* enokuhlala apha emhlabeni, njengokuba wonke umntu enako, ke Wayeyakuba nowayezakuthabatha indawo ka-Eliya. Kwaye xana Wakwenzayo, uThixo wabiza le ndoda. Wayengekho kwisikolo sakalizwi xana Wambizayo. Wayelima entsimini, ngesipani senkomo, esenza inkonzo, okanye ekhathalele umama wakhe noyise. Kwaye uThixo wambiza ukuba abe ngozakuthabatha indawo ka-Elisha, okanye, u-Eliya.

32 Mhlawumbi abaninzi phezulu esikolweni babecinga ukuba babeqinisekile ukuba babeya kuba ngabazakuthabatha indawo yakhe, babeya kunxiba ingubo yakhe ngokukhawuleza wakuba egqibile ngayo.

33 Kodwa, uThixo wenza ubizo. UThixo wenza ukhetho. UThixo wenza unyulo. UThixo wenza ukumisela kolungelelwano. "UThixo wamisa eBandleni: abanye, abapostile; abanye, abaprofeti; abanye, abefundisi; abanye, abavangeli; kunye nabelusi." UThixo uyakwenza oko, ngoKwakhe. Asinako ukwenza nolunye unwele lube mnyama okanye lube mhlophe, kananjalo asinako ukongeza nanto kwisithomo sethu ngokuba nexhala. UThixo, ngobabalo Lwakhe olungenasiphelo, nangonyulo Lwakhe nolwazi Lwakhe lwangaphambili, wazimisa ezi zinto ngolungelelwano, kwaye lonke ivili lisebenza nje ngokufanelekileyo. Ndiyakuthanda oko.

34 Bendiyakuba yindoda etyhafileyo, ngale ntsasa, ukuba bendingakholwa kunyulo nobizo lukaThixo. Ukuba bendicinga ukuba eli hlabathi lishiywe likwisiphelo salo, ngamandla womntu, nangobulumko bomntu, nakwiSine Esikhulu, kunye ne-UN, kunye nabo bangazange nkqu balikhankanye igama likaThixo, Bendiya kuba ngumntu otyhafileyo, kodwa andikhangele siphumo kokuya.

35 Ndikhangela phantsi kumaphepha ale Ncwadi indala *apha*, apho uThixo Wakubhalayo, kwaye yonke into iyakuza nje kanye ngendlela Awathi wayitsho ngayo, kwaye kuphelele apho. Ke, inye kuphela into endiya kuyenza ayikokuhambelana nabo, kodwa kukulungelana neKhalvari. Lungelana noThixo, lungelana neLizwi Lakhe, hlala eLizwini Lakhe. Akukhathaliseki nokuba kukhangeleka ngokungathi kuya kuba *ngalo* ndlela kangakanani, iyakuba ngaloo ndlela uThixo azimisele ukuba ibe yiyo. Ayinakuba yinto eyenye. Kuba,

Yena engenasiphelo, wasazi isiphelo kususela kwasekuqalekeni, kwaye Wenza yonke into ukuba ize kwiindumiso Zakhe. Kunjalo oko.

36 "Zonke izinto kuya kufuneka zisebenze kunye." Yonke into iya kufuneka ukuba imile kanye ukuya kwindawo yayo. Bethu! Ukuba oko bekungena kwenza sibindi kumKristu! Akukho nto inokuhamba ngokuphosakeleyo. Ngaphaya koko, asilo dabi lethu; leLakhe. Ayibobulumko bethu; boBakhe. Inye kuphela into ekuyakufuneka siyenzile kukubeka ukholo nentembelo yethu phaya, kwaye sihlale sizolile ukuze sibone uzuko lukaThixo, sibone indlela Olujikeleza ngayo ukuya kwindawo yaLo, nawo onke amavili ehamba. Lusenokuchithwachithwa ukusuka kwelinye icala ukuya kwelinye, kodwa Luyakuhamba kanye ukuya kwindawo yaLo eyiyo xana uThixo ethetha iLizwi.

37 Wasazi isiphelo kususela kwasekuqaleni. Wayesazi ukuba wayeya kukhetha. Wayesazi ukuba u-Elisha uyakuthabatha indawo ka-Eliya, ngaphambi kokuba ihlabathi lakha labunjwa. Yonke into imelwe kukusebenza ngokuchanekileyo kanye.

38 Kwaye sikhathazekile ngabo sibathandayo, na njalo njalo, "Ingaba baya kuze bangene?" Amagama abo, ukuba ayebhalwe eNcwadini yoBomi yeMvana, ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, baya kusebenza kanye phaya. Yiloo nto kuphela anokuyenza. Sinika ubungqina kwaye sikhanyise ukuKhanya. UThixo uyakwenza oko, Lowo uKuzisayo kubo.

39 Ngoku qaphela, ku-Eliya, emva koko, emveni kokuba ephose ingubo yakhe kuye, kwaye wayilinga kuye. Ngamanye amazwi, u-Eliya umprofeti, owayenengubo kaThixo emagxeni akhe, wehla kwaye wayibeka yanqumla ku-Elisha, umlimi, ukuba ayibone ukuba iyakumlingana na. Kwaye kwamthabatha malunga neshumi leminyaka ukuguqulwa, ukuze alingane kuloo ngubo.

40 Uyazi, uThixo ngokwesiqhelo usibeka kwindawo yomsebenzi kwaye asixoze. Ngoku, Akazange ayiguqule ingubo yakhe ukuba ilingane u-Elisha; Wayalela u-Elisha ukuba alingane ingubo. Kwaye yiloo nto Ayenzayo namhlanje. Uyasiguqula ukuze silingane kwingubo, hayi ukuba ingubo ilingane thina. Ngamanye amaxesha sifuna ukwenza ingubo isilingane, kodwa asinako ukukwenza oko. Kufuneka uluba (uvumele) ukuguqulwa, wena, ngenxa yengubo. Yingubo kaThixo, kwaye Wayenza yagqibelela. Kwaye simelwe... Umelwe kukuba asizise kuloo ndawo, ukwenza ingubo isilingane.

41 Ke, asinakuqibelela, ngokwethu. Siyazi ukuba asinako. Akukho ndlela yokuba sibe njalo, kwaye, nangoko, Wathi kumele sibe njalo. Ke, kodwa, loo nto Awayenzayo, Wenza isicamagushelo ngenxa yethu; iNkosi uYesu Kristu kunye nobulungisa baYo. Kulapho ingqibelelo iphuma khona;

yokubutyeshela obethu ubungcwele, ntoleyo esingenayo; neengcinga zethu, ebekungafanelanga ukuba zibenjalo. Kodwa siphumla ngokundilisekileyo phezu komsebenzi ogqityiweyo weNkosi uYesu. UThixo waMthumela emhlabeni, kwaye kwakukuYe ukuba siphumle.

42 Qaphela, yonke le minyaka, ngokolwazi lwethu, wayenoloo bhaptizo lunye lwengubo eyathi yahamba phezu kwakhe. Kodwa kuyo yonke iminyaka, uThixo waye bumbe isimilo sendoda ukuya kwindawo apho, ngokobizo lwayo, ukuba alingane kwingubo kwaye abe ngumkhonzi weNkosi.

43 Kwaye ngoko xana u-Eliya wadlulayo waze wayiphosa phezu kwakhe, kwaye baqalisa babhekisa eGiligali kunye nezinye iindawo ezininzi abaya kuzo, ukuya kwisikolo sabaprofeti, endleleni yabo, behamba ukuya phambili. Kwaye, ekugqibeleni, u-Eliya wayezama ukujikisa u-Elisha. Ingaba nikuqaphele oko? Ezama ukumjikisa. Wathi, "Ndi . . ." Kungenjalo, "Mhlawumbi indlela ithanda ukunyuka kancinci iyakuba lukhuni kuwe, nyana. Mhlawumbi icutheke kancinci kuwe ukuba uhambe kuyo."

44 Uyazi, apho u-Eliya wayekhona, kwakungqalile. Kwaye naphina apho umkhonzi wenene kaThixo eshumayela iVangeli, yethe ngqo, iVangeli engangxengwanga apho Ishunyayelwa khona.

45 Ngokuba, ngenye imini, wenyuka waya phaya kwisikolo sabaprofeti, ukubatyelela, baza bamcela ukuba ahambe. Bathi, "Kungqale kakhulu apha, kuthi."

46 Into esiyisweleyo namhlanje ngokuthe ngqo nangakumbi, ukushunyayelwa kweVangeli oko kuyakwahlula ingqolowa kumququ, okanye okulungileyo ukusuka kokungalunganga. Yenza loo nto elungileyo oku "lungileyo," kwaye loo nto engalunganga ayi "lunganga."

47 Bonke aba bafo kunye namava abo, nako konke oko ababekuko! Bathumela ukuba kufunyamane into ethile yokuba batye, waza omnye wabo wakha umdiliya wasendle, kwaye waqokelela namathangazana athile, kwaye bapheka ukufa kwimbiza yabo yecawa. Kwaye, into yokuqala uyazi, bakhwaza, "Kukho ukufa embizeni!"

48 Kodwa u-Elisha, enesabelo esiphindwe kabini, wayeyazi into emakayenze, ngoko wagalela isandla somgubo embizeni. Wathi, "Ngoku qhubekani kanye nitye." Ngamanye amazwi, bona . . .

49 Namhlanje, umzekeliso, bendiya kucinga, ukuba sinoninzi lwamaWisile, amaBhaptizi, amaRhabe, amaLuthere, amaPentekoste, nayo yonke enye into, konke kuxubene ndawonye, kwaye omnye esilwa nxamnye nomnye. Kwaye asiswele kukhupha yonke into kwaye siyisuse. Siswele esinye isandla somgubo. Siligcine kwa elo bandla linye.

50 Umgubo wawuphuma kwindlu yesikolo phaya, owawungumnikelo wesidlo lowo abantu ababewuzisile, kunye nentlahlela yeziqhamo zesivuno ezo ezacolwa ngelitye elithile elo elenza ukhozo ngalunye lwaba ngumgubo ofanayo. Kwaye ngoko xana. . .

51 Lo mgubo, ekubeni umnye, wawungumfuziselo kaKristu. UMgubo bubomi. Kwaye xana umfuziselo kaKristu, umgubo, ucolwe ngokufanayo; uthetha, "UYesu Kristu ikwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade." Kwaye umgubo kumnikelo wesidlo, kwaye xana bebeka lo mgubo phaya, babebeka uKristu ekufeni wazisa uBomi. Yiloo nto eyenza umahluko kwimo yethu efileyo, kwiyantlukwano zethu, kukuxambulisana kwethu ngezobucawa nayo yonke into. Ukuba nje besinokuzisa uKristu kuyo, ibiyakutshintsha ukufa, nokwahlukana, ukuya eBomini, ukuba besinokukwenza nje oko.

52 Kukho izigidi ezilishumi elinethoba zamaBhaptizi eMelika. Kukho izigidi ezilishumi elinesithathu zamaWisile eMelika. Kukho izigidi ezilishumi elinanye zamaLuthere eMelika. Kunye nezigidi ezilishumi zamaRhabe eMelika. Kwaye nguThixo kuphela owaziyo ukuba mangaphi na amaKatolika, lawo awodlula nawaphi na amahlelo. Kodwa, kuyo yonke loo nto, yintoni esiyisweleyo? Sisandla soMgubo. Siswele ukuzisa uBomi ebndleni. Kwaye uKristu ubuBomi. Weza ukuba asizisele uBomi.

53 Ke, babeneempikiswano zabo, nezikolo zabo, nezabo ezakwali-. . .ezakwalizwi, na njalo njalo.

54 Kwaye ngoko u-Eliya waxelela u-Elisha, "Kungcono ubuyele umva, kuba indlela isenokuba lukhuni kancinane." Kodwa indoda yakwaThixo eyakha yakhangelana nayo, okanye eyakha yaphoswa yanqumleza amagxa ayo ingubo yobulungisa bukaThixo kunye namandla, akukho lula ukubuyela emva.

55 Xana ndisiva umalusi esithi, kusasanje, ukuba abethu. . . "Abaninzi baya tyhafa." Into esiyidingayo, mzalwana, kukuba somelele! Into esiyisweleyo kukuba somelezwe, kunjalo oko. Izilingo zisenokuza. Asizange sithenjiswe ukuba siya kukhuseleka kuzo, kodwa Uyakusinika ubabalo lokudlula kuzo. Ukuba intaba iphakame kakhulu ukuya phezu kwayo, inzulu kakhulu ukuya phantsi kwayo, ibanzi kakhulu ukuba ujikele ngaphaya kwayo, Uya kusinika ubabalo lokudlula kuyo. Kunjalo oko. Musani nje ukukhathazeka, kodwa bekani amehlo enu kuKristu, kuba nguYe kuphela onako ukusidlulisa.

56 Ngoku, siyababona njengokuba beqhubeka nohambo ukuya phambili, bafika esikolweni. Kwaye wathi, "Hlala apha ngoku. Yiba lapha, kwaye zinza uze ube ngumfundisi olungileyo wezakwalizwi, na njalo njalo. Kwaye mhlawumbi, ngenye imini, unokuba ngumphathi wekholeji apha. Kodwa kufuneka ukuba ndihle ndiye phambili kancinane."

57 Ungafane ucinge indoda yakwaThixo yaneliswe kukuba ngumphathi wekholeji, xana aMandla kaThixo ayebekwe kanye ngeenxa zonke apho wayemi khona? Hayi, mhlekazi. Wathi, "Ihleli nje iNkosi kunye nomphefumlo wakho uhleli, andisayi kwahlukana nawe." Ndiyakuthanda oko.

58 Hlala nayo, kungenamsebenzi nokuba kutyhafisa kangakanani na, nkqu nokuba kuvela kumama wakho, utata wakho, okanye kuvela kumalusi wakho. Hlala kunye naYe.

59 Baqhubela phambili ukuya eYordan. Bawelela ngaphesheya. Kwaye u-Eliya wathi, "Ngoku, yintoni ubungathanda ukuba ndikwenzele yona?"

60 Wathi, "Izahlulo ezibini zomoya wakho ukuba zize phezu kwam." Wayesazi ukuba unomsebenzi ekumelwe ukuba awenze. Wathi, "Isahlulo esiphindwe kabini." Hayi nje amava amnandi ashushu, hayi nje ukuxhawulana okulungileyo, okanye ubudlelane obulungileyo nebandla liphela. Kodwa, "Into endiyifunayo yinxalenye ephindwe kabini yaloo nto ingcono ngoku."

61 Ndiyanixelela, xana uThixo emisela indoda umsebenzi wehlabathi, umelwe kukuba abe nento ebhetele kunaleyo ihlabathi linayo. Umelwe kukuba abe nento engcono kunaleyo icawa inayo. Umelwe kukuba afumane isahlulo esiphindwe kabini.

62 Kwaye ukuba kwakha kwakho ixesha apho kudingeka khona isahlulo esiphindwe kabini, kunamhlanje, ezindaweni zabantu; into ethile engcono, into ethile ephakamileyo. Andinako...Ndicinga ukuba iimbotyi kunye nesonka sombona zilungile kakhulu, kodwa ngamanye amaxesha kufuneka ndifikelele phezulu kancinane. Kwaye siyakwenza oko; kufuneka sikwenzile. Kufuneka siqhubeke ukukhwela. USirayeli wayekreqile ukuba wayeqhubeka ehleli ndawonye. Kufuneka aqhubele phambili okanye abuyele umva. Kwaye yiloo ndlela ibandla eliyiyo.

63 Ke, njengoko babehamba, akuzange kube ngaphandle kwemizuzu embalwa de wathi, "Ucele into enkulu, kodwa, nangona kunjalo, ukuba uthe wandibona xana ndihamba, ungayifumana loo nto uyicelileyo."

64 Ngoku, oko kumele ukuba kube nobunye bokuzimisela, ubunye bentliziyo, ubunye beliso, ubeke iliso lakho kwidinga. Hum! Ukuba uyagula ngale ntsasa, ukuba uxhwalekile, kukho esinye esikhulu isithembiso; hayi ngo-Eliya, kodwa ngoThixo ngoKwakhe. "Ukuba unokukholwa, xana uthandaza, kholwa ukuba uyakufumana oko ukucelayo, kwaye uya kukwamkela kona." Akukhathaliseki nokuba yintoni ugqirha ayitshoyo, ukuba *oku* kuhambayo kukangakanani na okanye *okuya*; gcina ubunye kwisithembiso.

65 U-Eliya wamnika imeko: "Ukuba uthe wandibona xana ndihamba, siya kuza kuwe."

66 Kukho isithembiso, "Ukuba unokukholwa, zonke izinto zinokwenzeka kwabo bakholwayo."

67 Ngamanye amaxesha ndiye ndizijonge, kwaye ndicinge, "Ndakha ndaba lelona bhetyebhetye ebomini bam. Ndalinda, kwaye ndaphosana namawaka amaninzi emiphefumlo, kubuKumkani, ngokuba ndalinda kwaye ndathi, 'Thixo. . .' Ndaxhomekeka kakhulu kwisibabalo sokomoya. Kwaye ndathi, 'Nkosi, ukuba nje Uyakundibonisa, ukuba Uyakundinika umbono wokuba ndenze ntoni na.'" Kwaye uThixo anikeze umbono, emva koko ndiyakujika kwaye ndivumele umntu othile andixelele ngento ethile eyenye.

68 Kwaye, owu, andikaze ndifike kwindawo, okwangoku, de nda. . .njengokuba ndinako ngeli xesha, ukuba ndiyeva ukuba lukholo, olo kufuneka siphumele phandle phaya ngalo, ngokuba eso sisithembiso. Kunye nezinto ezo athe Wazenza, neempiliso ezo athe Wazenza, kunye nemimangaliso; kangangokuba, wehla waza wathatyathwa umfanekiso Wakhe emi ecaleni kwethu, na njalo njalo, ntoleyo engazange yakha yaziwa kususela ihlabathi lasekwayo. Kwaye ngoko ndema ndajikeleza njengebhetyebhetye? Lonto nkqu indenze ndatyhafa ngokwam. Lixesha lokuba ugcine iliso lakho kwisithembiso.

69 Kwaye yiloo nto, ngobabalo lukaThixo, endijonge ukuyenza. Kwaye ndiyaqaphela ukuba wonke umtyholi wesihogo uyakudubula kuyo. Kodwa, ngobabalo lukaThixo, ndijonge ekugcineni iliso lam kwisithembiso.

70 U-Elisha wathi, "Ukuba wena," okanye, u-Eliya wathi, "Ukuba undibonile xana ndihamba, uya kuyifumana loo nto uyicelileyo." Kulungile oko. Kufuneka ubeke iliso lakho kuso; khangela isithembiso. Njenge, kuthini ukuba esinye sezikolo, ukuba uyajika abuye umva, kwaye athi, "Hey, makhwenkwe, ndenza njani ngoku, ndilandela kanye kakuhle emva komprofeti?" Ngewayesilele, mhlawumbi. Kodwa wayengakhathali ukuba isikolo sasicinga ntoni na, okanye yintoni bonke ootitshala ababeyicinga. Wayengakhathali ukuba abamelwane babecinga ntoni, okanye imizi, okanye ngubani owayekhangele kuye. Walugcina ukholo lwakhe kwisithembiso.

71 Loo nto esiyidingayo namhlanje lukholo kwisithembiso sikaThixo, kwaye musa ukuhoya ukuba *lo* uthini okanye *lowa* uthini na.

72 Njengokuba umzalwana watshoyo, umlungiseleli wayenamantombazana amabini awayezizimumu, kunye noko kugxekwa kwempiliso eNgcwele, ukuba, "Abantwana babengasayi kuphiliswa."

73 Musa ukubahoya abagxeki. Gcina ukholo lwakho kwisithembiso. UThixo watsho njalo! "Umthandazo wokholo

uya kumsindisa ofayo, kwaye uThixo uyakubavusa." Ukuba Unokwenza omnye isithulu sesimumu ukuba sive, Unokusenza esinye isithulu sesimumu ukuba sive. Siyazi, ngokobungqina obungenasiphoso, ukuba Uyakwenza oko. Masigcineni ukholo lwethu kwisithembiso. Amehlo ethu ebunyeni; iindlebe zethu ebunyeni; iintliziyo zethu ebunyeni; kwaye, into enye, kuYesu Kristu, kwaye Unako ukwenza oko Akuthembisileyo. Owu, xana sicinga ngako oko, lonto itshintsha wonke umboniso xana sikufumana oko. UThixo wenza idinga. UThixo yayinguYe lowo owakutshoyo oko.

74 Ngoku, *apha* yayingummeli kaThixo okutshiloyo oko, kwaye ngoku uThixo ngoKwakhe ukutshilo oko. Ngoko yintoni esinokuyenza? Akukho nto ngaphandle kokugcina ingqondo yethu kuloo nto. Wathi, "Ukuba uthe wandibona xana ndihambayo, unganako ukusifumana isithembiso." U-Elisha wayewabeke ku-Eliya amehlo akhe. Kungakhathaliseki nokuba yayiyintoni eyakhwazayo ukusuka kwicala ngalinye, yintoni eyenzekayo kwicala ngalinye, yintoni eyenzekayo ngaphambi koko, akazange nkqu akhangele nokukhangela kuyo. Wawagcina amehlo akhe kwisithembiso. Nantso ke, amehlo akho ekwisithembiso.

75 Ndicinga ngenenekazi esathi salityelela ngobunye ubusuku, uDade uSauer. Kwaye nogqirha emxelele indlela awayekhangeleka embi ngayo. Kwaye andizange ndamxelela; ndaxelela lowo amthandayo. Indlela ebekungenakwenzeka ngayo ukuba abuye aphile kwakhona. Ngoku, mzalwana, umkhwenyana wakhe wandibuza malunga nalonto. Ndathi, "Ukuba anganako ukugcina amehlo akhe kwisithembiso." Akunamsebenzi nokuba yintoni na eyenzekayo, gcina amehlo akho ekwisithembiso.

76 Kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo, uDade uWood apha, noMzalwana uWood, abahlobo bethu ababini abasenyongweni apha enkonzweni. NdandiseMichigan nabahlobo bam, uLeo kunye noGene. Sawushiya umhlangano waseChicago saza sahamba nabanye babantu bakubo, uku. . . iintsuku ezimbini, ukuya kuzingela amaxhama ngezaphetha neentolo. Kwaye endleleni yam ebuyayo, unkosikazi wam wayethe wanxibelelana nam, kwaye wathi, "Thandazela umama kaNksk. uWood. Umhlaza ubutyile ubuso bakhe." Kwaye wathi, "Andikaze ndambona uDade uWood othuke ngolo hlobo. Uyalila." UDade uWood ubesoloko ngalo lonke ixesha eligorha lokholo, ukususela uThixo waphilisa inkwenkwe yakhe kumlenze osisiqhwala, waza wamphilisa yena ene-TB, na njalo njalo. Kodwa wayesele enikezele.

77 Phaya egumbini, ngobo busuku, sathandaza. Ekungeneni, uNksk. UWood wathi, "Mzalwana uBranham, siyakuwelela ngaphesheya." Kwaye saya kumama wakhe, owayeseLouisville. Kwaye waye enomhlaza kwicala lempumlo yakhe, kwaye

ugqirha wayewuphathaphathile, wawusasaza; kwada kwaba sisangqa esincinci ecaleni lempumlo yakhe, kwaye phezulu nje malunga nesibhozo se-intshi ukusuka elisweni lakhe, nje ithambo livele phaya. Sele uyidlile nje ngokukhawuleza njengoko waziyo ukuyidla.

78 Ndangena egumbini, kwaye ndaguqa phantsi. Ndathi, "Ndifuna ukuthetha kuye eyedwa." Kwaye ndaya egumbini ukuya kuthandaza kunye nomfazi. Kwaye ngelithuba ndisegumbini, ndacinga, "Owu Thixo, ukuba Ubunokundibonisa nje umbono waloo nto eyakwenzeka kumfazi." UMnu. noNksk. UWood babehleli ngaphandle, belindele ukubona lonto umbono oyakuyithetha.

79 Kodwa ngelixa ndandilapho, ndagwebeka. Ndagwebeka ngenxa yokulinda umbono. Kwakubonakala ngokungathi iNto ethile ibhekisa emva, "Yayingelilo ubizo. Kutheni udinga umbono, xana isithembiso sele sithethiwe?" Ke ndaguqa phantsi ndathandaza. Kwaye ngelithuba ndithandaza, into ethile nje yabambelela ngaphakathi, ukholo lwesithembiso.

80 Buyela ngaphandle. Kwaye uNksk. uWood, xana ndamxelelayo malunga nalonto, wathi, "Ingaba kukho into oyibonileyo, Mzalwana uBranham?"

81 Ndathi, "Andizange ndabona nto kanye kanye, kodwa ndive iNto ethile leyo endixelele ukuba isithembiso Sakhe sasiyinyani kwaye Wayeya kusenza. Kwaye ndiyakholwa ukuba Uyakusenza sona."

82 Kwaye ngaphantsi nje kweeyure ezingamashumi amabini anesine, isiphelo saloo mhlaza saqalisa ukophuka kwaye kwavela imo yokhoko phezu kwawo. Imihlaza ayibinakhoko, njengokuba nisazi, ngaphandle kokuba ufile. Ke nanko ke apho wawukhoyo ngoku. Kwaye umfazi uphilisiwe, kunye nekhaya. Onjani ukumangalisa uKristu! Ngokugcina amehlo ethu kwisithembiso! UThixo watsho njalo!

83 Kodwa xana sithandazelwe, ngamanye amaxesha, siyahambe size sithi, "Ke, ayizange nje yenziwa ngoko nangoko, ke mhlawumbi kungcono sibuyele umva kwakhona." Owu, hayi.

84 Gcina iliso lakho kwisithembiso. UThixo watsho njalo, oko kuyayigqiba. Kuko konke okuyiyo. Ukuba uThixo watsho njalo, uThixo unako ukuligcina idinga Lakhe, okanye Akanakuze alwenze.

85 U-Abraham wabiza ezo zinto, ezazingekho, ngokungathi zazikho. Kwaye, amashumi amabini anesihlanu eminyaka, wema kwinto engenzekiyo, ngokuba wambalela uThixo ekubeni wayenako ukwenza loo nto Awayithembisayo. Amen. Kwaye singabantwana baka-Abraham, ngokholo.

86 Ngokuqinisekileyo, u-Eliya wawagcina amehlo akhe kuye, okanye, u-Elisha ku-Eliya, kwaye njengokuba babeqhubeka

ukuya phambili. Kwaye emva kwethutyana, inqwelo yeza yaza yabehlula, omnye kwelinye icala nomnye, yaza ngoko yathabatha u-Eliya. Phezu. . . Wakhwela enqwelweni waza wenyuka, kwaye wayisusa ingubo yakhe emagxeni akhe waza wayiphosa ku-Elisha. Ngokuba, u-Elisha wayekhulele kuyo, uyazi, ke yona yamlingana kakuhle. Kwaye usenokucinga . . .?

87 Owu, ndifuna ukuba nindinike ingqalelo yenu engohlukananga, njengokuba ndisiva umphimbo wam utshothozela. Ndifuna ukunibuza into ethile.

88 Ungakhe ucinge ukuba u-Elisha inokuba waziva njani xana wathabatha le ngubo, wayibeka phezu kwelakhe igxalaba? Owu, okunjani ukuziva!

89 Andikuthethi oku kumntwiswe, kodwa malunga neminyaka elishumi eyadlulayo, ukusuka apha epulpitini, ndashumayela ngentshumayelo; UDavide, igorha kunye nesilingi esandleni sakhe, kunye noGoliyati phambi kwakhe. Ngaloo mihla kwakungekho maphulo empiliso entsimini, naphina, njengoko sazi ngako. Kwaye, owu, indlela abantu ababeyigxeka ngayo impiliso eNgcwele! Kodwa kwakukho into ethile, emva komhlangano enoBuntu. Kwaye abelusi bandixelela ukuba ndandilahlekelwa yingqondo, ukuba lonto ayinakuba njalo. Kodwa, ukusuka kule bhokisi inye apha, ndathetha ngoDavide. Wathi, "Ingaba nifuna ukundixelela ukuba lo, imikhosi yoThixo ophilileyo, niya kuvumela laa mFilisti ungalukanga ukuba adele lo mkhosi?"

90 Omncinane omdala onamagxa agobileyo, inkwenkwe eneenwele ezigoqeneyo inxibe idyasi yesikhumba semvu, kunye nesilingi esandleni sayo; kunye nomkhosi wonke wakwaSirayeli umile, uxhasiwe. Kwaye yena, eyedwa, waphumela ngaphandle. Kunye nendoda, ngo—ngomkhonto olishumi elinesithoba elithile leemitha ubude bawo, kwaye lonto kwindawo yayo yokuhlaba ekupheleni kwayo yayibubunzima beshekele eziliqela, mhlawumbi bekungamashumi amabini eeponti zentsimbi, iloliwe, ishumi elinesithoba leemitha lomkhonto, ngeminwe elishumi elinesine le-intshi ubude.

Kwaye uDavide mhlawumbi wayenobunzima obungamashumi alithoba eeponti, waza wema, esihla esenyuka, njengomqhagi omncinane womlo, kwaye esithi, "Nifuna ukundixelela," Owu, bethu, "ukuba niyakuvumela laa mFilisti ungalukanga! Ukuba uthe wahlala endaweni yakhe, makasele sekehlala, kodwa udela imikhosi kaThixo ophilileyo." Owu, bethu, elinjani lona igorha! "Kwaye nonke niyoyika ukuya ukuba nimlwe?" Wathi, "Ndivumeleni ndimthabathe." Owu, bethu! Wathi, "UThixo wezulu wandivumela ukuba ndibulale ingonyama ngesilingi, Wandivumela ukubulala ibhere ngesilingi, wobeka phi na ke ukumnikela loo mFilisti ungalukanga esandleni sam!" Ngokuqinisekileyo.

91 Kwaye xana uloyiso lokuqala lwathi lwaphunyezwa, waza uGoliyati wawiswa phantsi, yonke imikhosi yakwaSirayeli yamlandela uDavide. Kwaye banquma iintloko baza bambetha, uSirayeli . . . okanye wawabetha amaFilisti ukuya kutsho kwilizwe lawo. Babafaka ezikoneni, kwaye bawabulala, Baza Bazithabatha izixeko zawo, nayo yonke into, kwaye waba noloyiso.

92 Mzalwana nodade, kwaloo nto inye yenziwe kwiindawo zamandla angaphezu kwendalo, xana babesithi, "Impiliso eNgcwele ayinakusebenza. Imihla yemimangaliso idlulile." Ukuba imihla yemimangaliso idlule, imihla kaThixo idlule. Ibandla elo elingakukholwayo okungaphezu kwendalo liyakufa ekugqibeleni, kwaye uThixo uyakulishiya ibandla. Unyanzelekile! Kwaye uThixo wanika isithembiso, kwaye izithembiso zikaThixo zinguNaphakade.

93 Apha kwixesha elithile elidlulileyo xana amantombazana athile adlalela kwipeyinti yeradium, kwaye ayeyithi nkxu, kwaye apeyinte izandla zeradium kwiiwotshi. Ndinamanye kule. Kwaye intombi yenza impazamo yathabatha ibrashi yaze yayifaka emlonyeni. Yambulala. Kwaye kwiminyaka ngeminyaka kamva, bathabatha isixhobo sokujonga imicroscope baze basibeka phezu kokakayi lwaloo ntombazana, kwaye babesenokuyiva loo peyinti yeradium iqhubela phambili, "Burr-burr-burr." Ayinasiphelo. Iyaqhubeka isebenza, ngokuqhubekayo. Akukho kumisa kuyo.

94 Kwaye, owu, mzalwana, ukuba ipeyinti yeradium inoloo hlobo lwempembelelo kuthi, kuyakubeka phi na okungenasiphelo, okunguNaphakade, okungaphezu kwendalo, okungamandla onke, onkugenasiphelo konke, uThixo uSomandla! Umelwe kukuba abe nempembelelo efanayo njengoko Waqalayo. Kufuneka ukuba abenayo ngalo lonke ixesha, okanye akanguye uSomandla, uThixo onamandla onke. Usalindele umntu othile onokholo olomeleleyo, lowo oyakuphuma aze acele umngeni kutshaba kwisiseko seLizwi Lakhe aze athi oko Kunjalo.

95 Kwaye ngoku kwenzeka ntoni, nje kwathi lakuba iphulo elikhulu lempiliso liqalisile? Ngoko amawaka amajoni, wamadoda akwaThixo, ahleli emva emabandleni amancinci, anjengo-Oral Roberts, uTommy Hicks, kunye namaninzi amanye amadoda abalaseleyo entsimini, arhola iKrele lawo, aze aya khona. *Eli* Krele elo linqumla kokubini ukuza nokuya, ukunyuka nokwehla, nangaphakathi nangaphandle, "uMcaluli weengcinga, nkqu nokuya kumongo wethambo." Barhola iiBhayibhile zabo, iKrele labo, kwaye baphumela ngaphandle, xana bakubonayo ukuba oko kungenziwa. Kwaye silubethile utshaba, ngobabalo lukaThixo, lade ihlabathi liphela laba nemvuselelo yempiliso. Isenokwenziwa. Abelusi abancinane ababenamabandla amancinane amabini ngamane, na njalo

njalo, babamba umlilo babona umbono, baxhuzula iKrele baza baphumela phandle, kwaye baludela utshaba.

96 "Wazi njani ukuba ikhona?" Kukho amadoda ebalulekileyo, uCongressman Upshaw, uKumkani uGeorge waseNgilani, kwaye namanye amadoda amaninzi amakhulu awayelele egula kwaye exhwalekile, aphilisiwe ngaMandla kaThixo uSomandla. Ke abanakuthethanto malunga nayo ngoku. Yenziwe. Nokuqinisekileyo! Yayinguye . . .

97 Ngoko u-Elisha walandela, umnqweno wentliziyo yakhe yonke yayikukufumana eso sithembiso. Wayefuna isithembiso, oko yayikukuzimisela kwakhe, oko kwakukokwakho konke, obo yayibubomi bakhe, leyo yayiyinjongo yakhe, yonke into, konke, yonke into yayixhomekeke ekufumaneni elaa dinga.

98 Ndeyisekile ukuba ndikukholwe ukuba asinyanisekanga malunga nale nto leyo sithetha ngayo. Ukuba injongo yakho yonke, ngale ntsasa, iphumla phezu, "Ndinikeza uThixo udumo ngenxa yempiliso yam. Ndizimisele ukuba ndiphiliswe ngaMandla kaThixo. Ndizimisele ukuphila ubomi bobuKristu. Ndizimisele ukuhamba ngoxolo noThixo. Ndizimisele ukuba ndikwenze oko. Andinamsebenzi nokuba umama uthini na, lonto ibandla eliyitshoyo, lonto umalusi ayitshoyo, lonto nawuphi na omnye umntu ayitshoyo, lonto ihlabathi eliyithethayo. Ndizimisele. Obo bubunye bentliziyo yam." Uya kufika ndaweni ithile ngoko.

99 Ngoko, xana u-Elisha ebonile ukuba wayezimisele ukuba akufumane oko, U-Eliya wabona ukuba *u-Elisha* wayezimisele, wamnika isithembiso. Ngoku, isithembiso yayisesi, "Ukuba uthe wandibona xana ndihamba! Ukuba uthe wandibona xana ndisimka!" Ngoku oko kwakuxhomekeke ku-Elisha. Wayefuna ukuva isithembiso, ke wasifumana isithembiso. Ngoku kukho u "ukuba" kuyo. "Ukuba uthe wandibona xana ndihamba!"

100 Ngoku, ukuba uyagula ngale ntsasa, kwaye ufuna ukuphiliswa, ndingakuqinisekisela ukuba uKristu wakunika idinga. Idinga lelakho, "Ukuba unganokukholwa! Ukuba unganokukholwa!" Musa ukoyiswa.

101 Ngoku u-Elisha wayebhijelwe kwingubo ka-Eliya, umprofeti. Okunjani kona ukungxisha komeyisi! Indlela awahamba ngayo, enyathela ukuya eZulwini, njengomeyisi! Wayesivile isithembiso. Waweva amandla. Wayehamba njengegorha, kanye ukuhla ukuya eYordan.

102 Makabongwe uThixo, sihlobo! Lonke ikholwa, ngale ntsasa, elo linxityiswe ubulungisa bukaKristu, lihamba ngendlela ebhekise eYordan. Kunjalo oko.

103 Mazifike iziqhushumbisi ze-athom; myeke yena, nangayiphi na indlela. Sambhathisiwe kwaye siyahamba, umeyisi. Amen. Ndi . . . "Musa ukoyika. Ndiloyisile ihlabathi." Ewe, mhlekazi!

Khumbulani ntoni? " Ndileyisile ihlabathi." UKristu wakutsho oko.

104 U-Eliya wayehamba enxibe ingubo esele isetyenzisiwe, nkqu kwananjengomeyisi, ngokuchanekileyo, esiza kwiYordan.

105 Mzalwana, makhe nditsho oku ngokubhekisele kuwe. Musa ukunxiba ingubo yomnye umntu edliwe linundu nangamathandabuzo, apho konke oku koyiswa kunye neenkolelo kunye namahla ndinyuka afake imingxuma kuyo, kwaye iyavuza yonke. Yambatha ingubo yoMeyisi, uKristu. Musa ukuthembela kwicawa yakho ngaxesha lithile eyakha yafundisa usindiso ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele, eyakha yafundisa impiliso eNgcwele kwaye ngoku iyaYikhanyela, yonke idliwe ngamanundu amathandabuzo nayo yonke enye into. Yambatha ingubo yaLowo ungazange alahlekelwe lidabi, kuba usendleleni yakho esinge eYordan. Amen.

106 Ngoku, wayenxibe ingubo esele isetyenzisiwe, yinyani leyo. Kwaye abantu abaninzi ngale ntsasa banxibe iingubo esezisele zisetyenzisiwe. Kodwa uthe wakufika eYordan, waqaphela ukuba ingubo yodwa ayisayi kuwenza umsebenzi. Kunjalo oko. Kwaye icawa, iWisile, iBhaptizi, iPentekoste, iRhabe, "Owu, sinezikolo! Uku . . . Bethu, sinazo zonke iindlela zokuziphatha, zeBhayibhile, siziqhuba kakuhle. Sinazo zonke iingubo ezalukiweyo kulungile, izithembiso. Sinazo zonke. Owu, sibhaptiziwe, yihla. Kwaye singabapostile kakhulu. Sombhethe ukholo lwabapostile. Siyakholwa kwimpiliso eNgcwele. Siyakholwa kuThixo. Siyakholwa kuMandla kaThixo. Sabhaptizela, eBhayibhileni, ngendlela iBhayibhile etsho ngayo. Samkele uMoya oyiNgcwele. Sathetha ngeelwimi. Siyakwenza konke oko." Kodwa, mzalwana, ukuba kukuphela kwento oyidingayo leyo, uyakufumana ukuswela kwakho, kananjalo, xana ufika eYordan.

107 Owu, usengafundiswa. Usenokuba uhlakaniphile. Usenokuba une-D.D., uGqirha wobuThixo. Usenokuba unePh.D., uGqirha weNtandabulumko. Usenokuba neLL.D., uGqirha wesiLatini. Usenokuba nazo zonke iintlobo zezidanga. Usenokuba unxibe ingubo yecawa yamaWisile kuwe. Usenokuba unxibe ingubo yecawa yamaPentekoste kuwe. Usenokuba unxibe ingubo ye-Assemblies kuwe, okanye uBunye, okanye eyaBathathu emnye, okanye nokuba iyintoni na leyo enokuba yiyo. Yingubo kuphela nje esele isetyenzisiwe, kwindawo yokuqala, kunjalo oko, yamadoda athile azenzele iimfundiso, ezithe zancingwa, njalo njalo ngolo hlobo; kwaye nkqu nokuba ukhe waba ngumKristu, kwaye icawa ikhe yabangumKristu, kwaye yambathiswa ngokuchanekileyo.

108 Kodwa xana u-Elisha, wemayo, ngokubonakalayo, kulo lonke unxweme olunomngca ozele ngabaprofeti nabagxeki, befuna ukubona lonto abeya kuyenza, kwaye nanko esiza,

ehamba enxibe ingubo ka-Eliya, owu, bethu, haleluya, ufundiswe ngenye indlela, ufundile, uzinikele, uyakholwa, akukho nto ingalunganga ngaye, uyehla ukuya eYordan, ihlabathi limjongile.

109 Owu Thixo, indlela le esikudinga ngayo oko namhlanje! Nabantu abaninzi abafundileyo kunye nezifundileyo izifundiswa; namadoda amaninzi anako ukuyikrazula loo Bhayibhile ayehlule aze ayidibanise kunye, kwizibalo; amadoda amaninzi anokwenza izinto ezinkulu ngeendlela zokufundisa; abayaziyo imbali yeBhayibhile ukuza kuthi ga kweli xesha, abanokukuxelela iyure esathi salumekwa ngayo isibane, neyure esathi sacima ngayo. Banganako ukukuxelela zonke ezi zinto. Kwaye ba. . .Banalo ubhaptizo lwamanzi. Banalo ubhaptizo lokomoya, njengoko belubiza ngako, ingubo. Banayo yonke into nje imiswe ngolungelelwano.

110 Ke wenjenjalo no-Elisha, kodwa xana wehla ukuya eYordan, ukujongana nehlabathi eligxekayo, yintoni awayikhwazayo? “Uphi uThixo ka-Eliya?” Yayingeyiyo ingubo ka-Eliya eyakwenzayo oko. YayingaMandla kaThixo ka-Eliya, awakwenzayo oko.

111 Kwaye into ihlabathi eliyidingayo ngale ntsasa ngaMandla kaThixo ka-Eliya. Usenokuba wathetha ngeelwimi kwaye wakhwaza, waza wabaleka phezu komgangatho. Kodwa into esiyidingayo ngaMandla kaThixo wePentekoste, ukuvelisa ubomi kunye nezinto ezaziphilwa ngaloo mhla, emandleni obupostile.

112 Ingubo esele isetyenzisiwe yayilungile, kodwa wayeswele ubizo olutsha entliziyweni yakhe oluvela kuThixo. Wayedinga intambiso entsha evela kuThixo. Wayenxibe ingubo esele isetyenzisiwe xana efika emlanjeni, kodwa wayedinga ubizo olunikezelweyo lokuqala olutsha kraca oluvela kuThixo, naMandla okuqala anikezelweyo avela kuThixo, ukuze enze ummangaliso.

113 Kwaye, mzalwana wam, musa ukoyika ukucela uThixo nantoni na. Kufuneka ufune uThixo, okanye ucele kuThixo, nayo nantoni na leyo Ayithembisileyo. Kuba, ukuba ndazisa uThixo onamandla onke nonamandla kakhulu, kwaye ukuba ndingumkhonzi kaThixo, ndimelwe kukwenza imisebenzi kaThixo. Kwaye ukuba ndiyayenza imisebenzi kaThixo, ndimelwe kukufuna kuThixo ukuba azenze ezi zinto, ngokuba Ufuna kum ukuba ndivelise okungenakwenzeka. Kufuneka ndiMcele. Kufuneka ndibize kuYe, kwaye ndime phaya ndize ndithi, “Thixo, Ukuthembisile oko.” Ke wenjenjalo, wonke umntu.

114 “Niya kwamkela amandla,” IZenzo 1:8, “akuba uMoya oyiNgcwele wehlile phezu kwenu.” Wakuba uMoya oyiNgcwele uhlile phezu kwenu! Emveni kokuba unxityisiwe

njengomKristu, emveni kokuba ukholo lwakho lumiliselwe kuKristu, ngoko ke uya kwamkela amandla. Nantso ke. Ewe.

115 Kwaye, mzalwana, dade, nonke ngabanye, ngale ntsasa, makhe ndikutsho oku ngaphambi kokuba ndithandazele abagulayo, makhe ndikutsho oku: Ngoncedo lukaThixo, ninndithandazele. Njengoko ndandimi, kwiminyaka elishumi eyadlulayo, kweli qonga, ndishumayela ngoDavide noGoliyati, ngoku asingoGoliyati lowo undithintelayo, uThixo wambulala phambi kwam, kodwa into leyo endithintelayo, kukunqongophala kokholo, ukunqongophala kwento ethile leyo endandiyazi ukuba yayikho.

116 Kwaye ngale ntsasa, phambi kwalo mnquba mncinane kwakhona, ndiyakhwaza: uphi uThixo owanika esi sithembiso? Uphi lo Thixo owahlangana nam ngalento, ngaphaya? Yiza ngaphambili, Thixo, kwaye undinike ukomelela. Ndiphe amandla. Ndinike ingqondo ezimiseleyo, kungakhathaliseki nokuba yintoni ezayo okanye ehambayo. Nokuba ikhangeleka imnyama, okanye ikhangeleka . . . Nokuba ikhangeleka njani na, qhubela phambili. Isithembiso siyinyani.

117 Kwaye mzalwana, dade, ngolunye lwezi ntsuku . . . Kuni bahlobo abanga boni apha ngale ntsasa, kwaye nakuni bantu abazama ukulinganisa ubuKristu, usenokuba ungowecawa, oko kulungile kakhulu, andinanto yakuthetha enxamnye nako oko, akukho nto inxamnye nemfundo yakho elungileyo, okanye okuchaseneyo nezakwalizwi zakho, Andinanto ichaseneyo nako oko, kodwa, owu, uphi na uThixo?

118 Yayingengo-Eliya, ngaphaya koko. Yayingengo-Eliya owavula loo mlambo. Yayingeyongubo yakhe. U-Elisha wayithabatha isuka egxalabeni lakhe. Wayisonga ngendlela enye leyo u-Eliya awathi weyenza ngayo. Kodwa xana waqalisa ukuzama ukuyitshangatshangisa, kwakungekho Mandla phaya. Ngoko wakhwaza, esazi ukuba uThixo ukho ndaweni ithile, “Uphi laa Thixo? Uphi Yena?” Ngoko kusenokuba into ethile yambetha umprofeti, kuba wayitshangatshangisa loo ngubo waza wawabetha amanzi, kwaye avuleka apha ukuya phaya. Kwaye ngaphambi kwabefundisi baloo mhla, ngaphambi kwabagxeki baloo mhla, wayiwela iYordan, njengoko u-Eliya wenzayo phambi kwakhe.

119 Asidingi zimfundiso; sinako oko. Kodwa sidinga uThixo ka-Eliya. Sidinga aMandla kaThixo ka-Eliya, abuyele ebandleni lethu kwakhona. Amandla okuyenza ibambelele phaya, kwaye sibize iLizwi likaThixo, “Kunjalo,” kungakhathaliseki.

120 Kwaye thina si, wonke ubani olapha kusasanje, njengabantu, sikwindlela yethu eya eYordan. “Kwaye xana wafikayo eYordan.” Uyakufika phaya, ngenye yezi ntsasa okanye ngobunye bobubusuku.

121 Xana wafikayo eYordan, wayehamba njengomeyisi. Kodwa, xana wafikayo eYordan, lowo yayingumohluko. Wayenxibe ingubo esele isetyenzisiwe. Enye indoda yayisele iyinxibile. Kodwa yayiyingubo elungileyo, kwaye wayeyazi ukuba yayiluhlobo luni lwendoda eyayinxiba loo ngubo.

122 Mzalwana, dade, ngenye yezi ntsasa, ndimelwe kukuba ndihle ukuya eYordan.

123 Bendisacinga. Ngale mva kwemini, siyakuhla siye kuMzalwana noDade uWright. Musani ukubalibala. Olu lusuku lwabo lomtshato wegolide. Ndiyakholwa, ibandla, liyakuba ne—nesidlo sangokuhlwa kunye nabo. Ndandicinga, ngenye imini: amashumi amahlanu eminyaka! Kwaye ndibabona bobabini, bekhulile kakhulu ngeminyaka begobile. Ndacinga, "Ewe, ndineminyaka engamashumi amane anesixhenxe ubudala." Babesandula ukutshata kwiminyaka emithathu ngaphambi kokuba ndizalwe.

124 Amashumi amane anesixhenxe! Ndingxisha ndibhekise eYordan. Ndinyanzelekile ukuba ndihle. Ndimele kukuba ndifike phaya. Ndiya kufika phaya. Isenokuba kwingozi endleleni. Ndisenokuwa ndisuka emoyeni, kwinqwelomoya. Ndisenokudutyulwa, ngentolo yomtyholi ndaweni ithile, ndize ndife. Andazi ukuba ndiyakuhamba njani na. Kodwa, kukho into enye endiyaziyo, ndiyahamba, kwaye ndihamba ndibhekise eYordan.

125 Kodwa xana ndifika phaya, ndifuna ukwazi into ibenye, ukuba ndinxibe ingubo esele isetyenzisiwe, kananjalo. Andithembelanga kweyam, kuba ayilunganga. Kuba, nje ngokukhawuleza wakuba u-Elisha wayicholayo ingubo ka-Eliya, wayikrazula eyakhe yabaziziqwenga waza wayiphosa phantsi. Kwaye leyo yaba yindlela ekwaba ngayo xana ndafumana uKristu. Ndazikrazula isiqu sam, ezam iimbono, obam ubuvuvu, nento yam encinci encinane. Ndacinga, xana ndandingomncinci, umshumayeli waseBhaptizi, ndandimalunga nje nokuba. . .ndandingumntu othile. Kodwa, ndakukrazula oko; ndaze ndanxiba ingubo Yakhe. Kwaye xana ndifika eYordan, ndifuna ukuzifumana ndibhijelwe ngengubo Yakhe. Uyakulandela oko. Kwaye siya kufika phaya ngenye imini.

Kodwa masithandaze nje okomzuzwana.

126 Bawo waseZulwini, njengokuba sisekungxisheni kwethu kweYordane kusasanje, njengabeyisi, kwaye ngenye imini, simelwe kukubonisa into ethile eYordane, oko, ekufeni. Kwaye, owu, enjani yona into ukoyikeka eya kuba yiyo, ukwahlukana noThixo! Asiyikubanako ukuwelela ngaphesheya, hayi. Kodwa u-Elisha, wakufika phaya, wayenxibe ingubo ka-Elisha. . . ingubo ka-Eliya. Kwaye xana wayikhululayo ingubo ka-Eliya, indoda ebihleli ikholekile emehlweni Akho, kwaye Wamamkela kwaye wamnyusela eZulwini kunye naWe, kwaye

u-Elisha wayenxibe ingubo yakhe, ke wayibonakalisa eYordane, ukufa, ingubo ka-Eliya, kwaye yona yamkeleka, yaze iYordane yavuleka, waza wawelela ngapesheya.

127 Thixo Othandekayo, ngenye imini, simelwe kukuba sihle. Asinakubanako ukubonisa imisebenzi yethu emihle; asinayo. Asikwazi ukubonisa nantoni na ehlabathini. Andinqweneli nkqu nantoni na, ukuzama ukuyibonisa, kodwa ndithembele ngokupheleleyo kukulunga kukaYesu. Wamamkela Yena, kwaye Wamvusa kwabafileyo, kwaye Waziswa kuBukho bukaThixo kwaye phaya uya kuhlala ngonaphakade. Kwaye, Thixo, ndifuna ukubonisa oko kuWe, ukuba ndiyakholwa kuYe, kwaye ndiyaMthanda. Kwaye, ngobabalo Lwakhe, uye wasembesa ngengubo Yakhe. Kwaye ndiyathandaza, Bawo, ukuba Uyakusinceda ngoku ngemihla yedabi. Kwaye apho abantu bakaThixo bemelwe kukwenza imisebenzi kaThixo, Ndiyathandaza ukuba Uyakusivumela sithabathe ingubo kaKristu, amandla kaMoya oyiNgcwele, size sibize kuThixo owayephila kuYe. Siphe oko. EGameni likaKristu siyakucela oko.

128 Kwaye ngelixa iintloko zethu ziqutyudiwe. Ndiyazibuza nje, apha kusasanje, ukuba kukho umntu ozama ukuhla ukuya eYordane, engayinxibanga le ngubo. Ukuba kukho umntu onganxibanga ingubo kaYesu Kristu kuye, kwaye nakubeni yakha yanxitywa ngaxesha lithile nguNyana kaThixo. Ndiyazibuza, ukuba awukunxibanga oko ngale ntsasa, ukuba ungaphakamisela izandla zakho kuThixo kwaye uthi, "Thixo Othandekayo, ngale yure, ngoku ndifuna ukuyamkela."

129 UThixo akusikelele, nenekazi. Omnye umntu, ungasiphakamisa isandla sakho? UThixo akusikelele, nyana. Omnye umntu, ungasiphakamisa nje isandla sakho? UThixo akusikelele, nkwenkwana. UThixo akusikelele, mfana. Umntu othile ningaphakamisa isandla senu? UThixo akusikelele, emva phaya, mhlekazi.

130 Nje yitsho oko, "Ngoncedo lukaThixo, ngale ntsasa, ndifuna ukushiya obam ubulungisa, ezam iimbono, neengcinga zam zolonwabo kunye nexesha elinizi, kunye nesono eso endiyendaphila kuso. Kwaye ndifuna ukuba uKristu andinxibise ingubo Yakhe, ngale ntsasa, ukuze ndisebenzise ingubo Yakhe. Ndiyazi ukuba yeyona Igqibeleleyo." UThixo akusikelele, nyana. Omnye umntu uthi, "Kwaye ndiya kuphakamisa nje . . . "

131 Phakamisa isandla sakho, uthi, "Ngoku ndifuna ukwamkela uMoya oyiNgcwele ebomini bam. Ndifuna ukwembeswa ubulungisa Bakhe. Xana ndifikayo phaya ngaloo mini, andiyikuzibonakalisa ngokwam kwaye ndithi, 'Ke, ngoku, Uyazi ukuba ndathengela umntu othile amalahle. Ndenze oku.'" Oko kuhle, oko kuhle kakhulu, kodwa oko . . . Kwafuneka ukuba into ethile ife, ukuze ubenokuphila, kwaye kungesenzo salowo

kuphela onokuthi usindiswe. Ungasiphakamisa isandla sakho? Uthi, “Kristu, ngoku ndiyayishiya indlela yam. Ndiyayamkela indlela Yakho. Ndifuna ukuba Undenzele inceba xana ndifika esiphelweni sendlela?” Kunjalo oko. UThixo akusikelele, nenekazi. UThixo akusikelele. Konke kulungile.

Ngoku siya kuba nomthandazo.

132 Ngoku, Olilungisa, Bawo waseZulwini, ezithile ezisixhenxe, isibhozo, izandla ezilishumi ziphakanyisiwe. Andiyazi imeko yabo. Wena wazi konke malunga nabo. Andazi. Kodwa bakwisidingo namhlanje. Kwaye bayaqaphela ukuba baswele, kwaye bakulungele ukuza kwaye bamkele uncedo ngexesha lembandezelo; ukubona oko, iyure enkulu leyo ikufuphi ngoku, iziqhushumbisi ze-athom, izinto ezinkulu ezo ezisilindileyo.

133 Kwaye ndiyathandaza, Bawo waseZulwini, ukuba Uyakubasikelele aba bantu, kwaye namhla beka isandla Sakho phezu kwabo uze ubususe bonke ubugwenxa babo namathandabuzo. Kwaye yanga bangayilahlela kude ingubo yabo endala edliwe linundu lobulungisa bokuzenzela, apho imikhothululi kunye neenkumbi. kunye namanundu eenkolelo kunye nobucawa, zitye nokuvula imingxuma kuyo, kwaye (bona) ayisayi kubuya inyamezele kwakhona. Banga bangayiphosa nje kude, kwaye bafikelele ngaphaya baze bathabathe ingubo yeNkosi uYesu. Yithi, “Ndithembele kuYe. Ndibhijela ngokwam, hayi kubulungisa bam, okanye kwiingcinga zam. Kodwa, ukususela kule yure ukuya phambili, ndithembele kuWe.” Siphe ukuba bakwamkele oko, Bawo, kuba sikucela eGameni likaKristu. Amen.

